**Proverb 10: Imbila Yaswela Umsila Ngokuyalezela.**

(*Kusembuthweni, istokfela apho abahlali bangena kwimibutho ngemibutho yokuzongela imali. Kuhlolwa indlela arhuma ngayo amalungu ombutho*)

| | |
|---|---|
| **Lizo:** | Khawutsho! Khawutsho! Lindiwe. |
| **Lindiwe:** | Hey ingathi umbutho uza kakuhle kulo nyaka. |
| **Lizo:** | Mh mh. |
| **Vuyo:** | Tyhini awunawungazi kakuhle umbutho. |
| **Lindiwe:** | Uza kakuhle yho! |
| **Lizo:** | Khawutsho, yimalini? |
| **Lindiwe:** | Yi – R2000.00 |
| **Vuyo, Lizo, Bukelwa**: (*Bekhuza*) | Yi- R2000.00! |
| **Lizo:** | Hayi! Hayi! Awunaze! |
| **Bukelwa:** | Hayi inonyawo lwemfene le nto ke ngoku! Mh, mh, mh. |
| **Lizo:** | Ayinakuze ibe yi-R2000.00. |
| **Lindiwe:** | Hayi, soze zingabikho izibhoxi. Soze zingabikho izibhoxi. |
| **Lizo:** | Ngubani ongabhatalanga? |
| **Vuyo:** | Aba bafazi babhatale kakuhle? Aba bafazi babhatale kakuhle? |
| **Lindiwe:** | Khawume! khawume! |
| **Lizo:** | Wawutshilo! wawutshilo! |
| **Lindiwe:** | Hayini maan! Yhu! |
| **Lizo:** | Ndanditshilo! Ndanditshilo! |
| **Lindiwe:** | Owu hayi, nank'uMamCirha (*utsho ejonge encwadini*). Akukho nesenti ecaleni kwegama lakhe. |

**Vuyo:** Yhe wha! Benditheni? Benditheni?

(*Kungena uMamCirha*)

**MamCirha:** Nkqo! Nkqo! Nkqo!

**Lindiwe:** Ngena

**Bukelwa:** Ingathi nguCirhakazi nje lowo?

**Vuyo:** Tyhin! Into yokusebenza nabafazi! Hayi! Mh, mh!

**Lindiwe:** Makaze nayo. makaze nayo.

**MamCirha:** (*ungena ethokombisile ekhangeleka esentlungwini*)

Molweni bethuna!

**Amalungu Ombutho:** Molo

**MamCirha:** Ninjani ngempilo bethuna?

**Lizo:** Kuhle mama. Siyaphila. Akukho nto. Kunjani kuwe?

**MamCirha:** (*ethokombisile engakwazi nokubajonga*)

Siyaphila tata, enkosi. Sigcinakele.

**Lizo:** Kutheni mama wee khunubembe?

**MamCirha:** Tata niyamazi mos laa nyana wam ebesesibhedlele?

**Amalungu Ombutho:** Mh , mh.

**Lizo:** Ubuyile ?

**MamCirha:** Hayi izolo tat' ebusuku usshiyile tata.

**Ulizo, Ubukelwa:** Yho !

**Lindiwe Novuyo:** Owu! Yho! Hayi Nkosi yam!

**MamCirha:** Ndithe ndakuva ukuba nidibene , njengombutho , ndaqonda ukuba mandize ndizise lo mphanga , kwenzelba ndithi sidibana silusapho , sibeka umhla esiza kusebenza ngawo ndibe sendinazisile kuba kaloku njengokuba ndisembuthweni nje, ndiza kusetyenzelwa..

**Lindiwe:** Owu,Nkosi yam!

**Vuyo, Lizo, Bukelwa**: *(bayakhuza)* Yhu!he e e *(Bayambombozela bonke bekhalaza)*

**Bukelwa:** Yimani!Yimani!Cirhakazi ! Cirhakazi! Usesembuthweni?

**MamCirha:** Uthetha njani na ngoku mama?

**Bukelwa:** Cirhakazi! Usesembuthweni?

**MamCirha:** Ewe mama !

**Vuyo:** Khangela Cirhakazi ndikuxelele kakhle!Cirhakazi! Nyanga neenyanga sirhol'imali embuthweni , kodwa wena awurholanga nesenti tu ! Ecaleni kwegama lakho akukho nto tu!

**MamCirha:** Yho! Hayi ke!

**Vuyo** (*egqithisa iphepha*): Zijonge.

**Bukelwa:** Akukho nesenti!

**Vuyo:** Jonga ! Jonga!

**MamCirha:** Nkos'enamandla ! Yint'endiza kuyithini le?

**Vuyo:** Uthi uburhola malini?Ubuyinika bani imali?

**MamCirha:** Bendiyinik'tat'uMpinga.

**Vuyo:** Yhe !! Uphi ngoku ? Uphi ngoku?

**Amalungu Ombutho:** Yho o o Yhee !Yhe –e ! Yhu!

**MamCirha:** Yinto endiza kuyithini na le bethuna!

*(Kuyankqonkqozwa emnyango. Kungena uMpinga )*

| | |
|---|---|
| **Vuyo:** | Ngena ! Ngena ! |
| **Mpinga:** | (*ubonakalisa umothuko nesazela emva kokuba ejonge uMamCirha*)<br><br>Yhu u ( *uyasebeza esolatha uMamCirha ngamehlo)* |
| **Bukelwa:** | Wathi gqi encumile! Khawubek'apha! |
| **Vuyo:** | Khawuphendule mfondini! |
| **Lindiwe:** | Hayi asiphilanga. Akukho nto! |
| **MamCirha:** | Tat'uMpinga .Andinamolo wakho tat'uMpinga. Ndicela ukubuza e e ndiswelekelwe ngunyana wam tat'uMpinga.Ndiza kumngcwaba njani tat'uMpinga bendikunike imali yam nyanga nenyanga. Igama lam! Kuclean ecaleni kwegama lam. Ndicela undixelele iimali zam ubuzithini tat'uMpinga! |
| **Lizo:** | Yhu!Phendula Mpinga !! Phendula ! |
| **Mpinga:** | Hayi wena Cirhakazi ndibuhlungu nje kuba uswelekelwe ngunyana wakho. Ndiyavelana nawe.Kodwa hayi! Hayi , senditshilo ukuba akukho nto imbi endiyenzileyo mna. |
| **Lindiwe:** | Hay bo ! Kokwesibini usitya imali ! hayi bo! |
| **Mpinga:** | Hayi wena Cirhakazi, ibuhlungu into yokuswelekelwa. Nam ndiyavelana nawe. Akukho nto ndiyenzileyo mna. Nam ndenze iingxaki zam kuba nam ndiyayifuna imali. |
| **Bukelwa:** | Hay bo! Waske wanesibind' uty' imali yomntu! |
| **MamCirha:** | Waske wanesibindi utye imali yam! |
| **Lizo:** | Yindoda le ! |
| **Lindiwe:** | Waske wanesibindi utye imali yethu! |

| | |
|---|---|
| **Mpinga:** | Nawe ngowuzizele apha. Nawe uneenyawo . Andithi? |
| | Ha a yi ! hayi! A-a ! |
| **Lizo:** | Cirhakazi !Yindoda le ! |
| **MamCirha:** | Tata utheth' ba akukho nento le ? |
| **Vuyo:** | Yindoda le! Inyanisile le ndoda le.Ubuneenyawo zokuzis'imali yakho aph'embuthweni! Awuzisanga nesenti, uman'unikela, unikela! |
| **Mpinga:** | Kak'hle |
| **Vuyo:** | Awuzisanga nesenti! Uman'usithi:…….. |
| | Mamela kakuhle ndikuxelele , ndikuxelelisise kakuhle ke. Uyimamelisise kakuhle le nto ndiza kukuxelela yona. Kuthiwa esiXhoseni, 'imbila yaswela umsila ngokuyalezela. Injena le nto ! Injena le nto '! |
| **Bukelwa:** | Shame ixhegokazi labantu! Shame !( Utsho elusizi nalapha ebusweni ) |
| **Lindiwe:** | Hayi kodwa unyanisile! |
| **Nosisa:** | Shame ixhewukazi labantu! |
| **MamCirha:** | Hayi kodwa unyanisile ! |